**Imiyalelo kutitshala**

1. Fundela abafundi umbuzo ngamnye ngokucacileyo ungangxamanga.
2. Funda kube kabini ubuncinane, ngelixa bejonge kwiincwadana zabo.
3. Nika abafundi ithuba lokuzibhalela iimpendulo kwizithuba ezinikiweyo.
4. Bakuba begqibile ukubhala iimpendulo zombuzo ngamnye, qhuba ubafundela, ubanika ithuba lokubhala iimpendulo.
5. Yenza njalo de bayokufika kumbuzo wokugqibela.
6. Olu vavanyo lunamanqaku angama-20.
7. Ixesha lokubhala olu vavanyo yimizuzu engama-60.
8. Yenza wonke umsebenzi wokuziqhelisa nabantwana.

**Imisebenzi yokuziqhelisa**

1. Biyela unobumba ophezu kwegama elichanekileyo.



| A | B | C | D |
|---|---|---|---|
| Ikati | Inkomo | Inkuku | Inja |

2. Faka uphawu (**x**) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Le yi ...



| | |
|---|---|
| kati | |
| mpuku | |
| nja | |
| nkomo | X |

Kuvavanyo lwakho uza kuphendula eminye imibuzo efana nale ugqiba ukuyiphendula.

**Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.**

1. Jonga imifanekiso engezantsi.

Bhala isandi sokuqala esisemva kwesikhamiso segama lomfanekiso ngamnye kwiibhokisi ezingezantsi.





1.1……………………………

1.2……………………………

2. Bhala igama elichanekileyo lomfanekiso.

Khetha kula magama angezantsi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| ingonyama | isibane | indlu | isandla |





2.1……………………………

2.2……………………………

3. Funda ibali uze uphendule imibuzo engezantsi.

| |
|---|
| Yimini eshushu yangeCawa. UAndile noNolitha bangabahlobo benene. Bahamba kunye ukuya kudlala epakini. Kukho ivenkile endleleni eya epakini. Evenkileni babona iilekese kunye nezinto zokudlala. Abantwana bavuyela ukuba baza kuthenga iilekese neetapile ezigcadiweyo. Baya nazo epakini, baya kwenza ipikniki. UAndile noNolitha banexesha elimnandi bekunye. |

3.1 Fakela uphawu u (**x**) ecaleni kwebhokisi enempendulo echanekileyo.

Khetha esona sihloko sifanelekileyo sebali.

| | |
|---|---|
| UAndile noNolitha baya efama | |
| UAndile noNolitha badlala ekhaya | |
| UAndile noNolitha benza ipikniki | |

3.2 Fakela uphawu (**x**) ecaleni kwebhokisi echanekileyo.

UAndile noNolitha bangoodade.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Ewe | | | Hayi | |

3.3 Landelelanisa ezi zivakalisi ngokwasebalini.
Phawula ngamanani 1 - 3.

| | |
|---|---|
| Benza ipikniki epakini. | |
| UAndile noNolitha baya epakini. | |
| Endleleni babona ivenkile. | |

4. Biyela unobumba ochanekileyo ukugqibezela isivakalisi.

UAndile noNolitha bayavuya kuba ...

A babona inja.

B baya esikolweni.

C bathenga iziqhamo.

D bathenga iilekese.

5. Jonga lo mfanekiso.

Fakela igama elichanekileyo.



I..............................ilele.

6. Biyela unobumba ophezu kweyona ngobozi incinane.

| A | B | C | D |
|---|---|---|---|
|  |  |  |  |

7. Tshatisa umfanekiso nesandi esichanekileyo ngokukrwela umgca.

| | | | |
|---|---|---|---|
| t | v | xh | nk |





8. Bhala kwakhona esi isivakalisi.

Fakela unobumba omkhulu nesingxi.

inja iyakwazi ukubaleka kakhulu

.............................................................................................................

9. Isibizo ligama lento. Khetha isibizo esichanekileyo ukugqibezela esi sivakalisi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| nja | ndlu | hagu | silo |

9.1 I ..................... iyathanda ukutya amathambo.



9.2 I .................. incinane.

10. Phendula le mibuzo ilandelayo.

10.1 Bhala kwakhona la magama ngendlela echanekileyo wakhe isivakalisi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| u f undela | aban t wana | U t i t shala | incwadi. |



..........................................................................................

..........................................................................................

10.2 Jonga umfanekiso ongezantsi.

Bhala izivakalisi ezibini ubuncinane ngalo mfanekiso.



...........................................................................................................

...........................................................................................................

...........................................................................................................

...........................................................................................................

...........................................................................................................

...........................................................................................................

.........................................................................................................

**Amanqaku ewonke: 20**